


## Kuya kwenzeka ntoni ukuba Andilandeli imigaqo efanelekileyo Yokufumana ezempilo okanye Isibhedlele sam singabhaliswanga ne NHI

Ukuba ufuna unyango kwiziko lezempilo elingabhaliswanga neNHI, okanye akunqweneli kuya apho uthunyelwa khona, akubakho mbuyekezo kwinkcitho yezimali yakho. Oko kuya kunyanzela ukuba uzihlawulele imali kwezo nkonzo zithile zithe zanikezelwa kuwe lisebe lezempilo.

## Ingaba kufuneka ndiyihlawulile irhafu ukuze kufezekiswe nhi?

Akuzubakho rhafu ihlawulelwa i-NHI.URhulumente uyakuthi asebenzise kwingxowa-mali esele ikho kwiSebe Lezempilo ukuqala iNHI. Xa sele isebenza, iSebe lezeMali lakwazisa ngesiqalo esincinane serhafu kwingxowa yohlahlo lwabiwo mali kubahlawuli berhafu.



# Kuzakwenzekani phakathi wangoku naxa inhi isebenza?



Phambi kokuba i-NHI ibe ngumthetho, kufuneka iqale iphunyezwe kwindlu yowiso mthetho. Kule minyaka mihlanu izayo uRhulumente uzakujongana nophuhliso lwezakhiwo nolawulo lwengxowa-mali ye NHI kunye neenkozo zayo. Ngaxesha nye, uRhulumente uyakuba nomgqaliselo ophambili wezicwangciso zokwandisa amaziko ezempilo, ukuxhonkxa, uqesho lwabantu, uphuculo lwezempilo, imiqathango yokungapheli kwamayeza, ukuncothulwa nengcambu urwaphilizo, ulawulo olugwenxa, nokulungiselela iNHI kuwo onke amaziko ezempilo.



# Yintoni i-NHI?

NHI imalunga nobuntu – sinenkathalo komnye nomnye sisiSizwe so Mzantsi Afrika ngamaxesha emfuneko. Ngoke ke i-NHI yindlela yase Mzantsi Afrika yokunikezela ngezempilo ezikwiqondo eliphezulu kumntu wonke.










# Isebenza njani i-NHI?

NHI izibeka kwiqondo eliphezulu ngokwe nkonzo zempilo egameni labemi boMzantsi Afrika. Isebenza ngokuthi ithenge inkozo zempilo ezikwiqondo eliphezulu ezizakuthi zixhamlwe ngabantu base Mzantsi Afrika bebonke. Ezinkonzo zizobe zinikezelwa kubantu ziingcali kwezempilo, kumaziko ezempilo kawonke-wonke kunye nezo zabucala. NHI izophinde idibanise unikezelo lwezempilo zamaziko kaRhulumente kunye nezo zabucala. Izakuthi ke lonto yakhe ezempilo ezingena calulo kubantu bonke base Mzantsi Afrika.

Izophinde idibanise zonke ingxowa ezininzi ezijongene nezempilo kube yingxowa mali enye ezakuthi ihlawulele wonke umntu xa efuna ukufikelela kwinkozo zempilo, nto leyo ezakucutha iindleko kweze mpilo.

## Ngubani ozakubandakanyeka Kwingxowa ye NHI?

Wonke umi woMzantsi Afrika, abahlali base Mzantsi Afrika abasisigxina, ongumphambukeli wexeshana, kunye nabadla umhlala phantsi, bazobhaliswa kwi NHI. Bonke abantwana abazalelwe kwaye behlala eMzantsi Africa, bazoxhamla. Ongomnye umntu uyothi axhamle kuphela kwinkonzo ezingxamisekileyo naxa kukhona izifo ezidala isankxwe ezweni. (Qaphela: abo basebenzela umkhosi wozokhuselo welizwe bona bakuthi baxhamle kwingxowa mali yabucala).





## Ndingaba yinxalenye Njani kwi NHI?

Umntu kufuneka azibhalise kunye nosapho lwakhe kumaziko ezempilo akufutshane naye, okanye kugqirha wakhe.



## Ingaba inkozo zempilo zizofumaneka simahla ngoku?

Ukuba ubonana noMongikazi okanye uGqirha uzakuxelela ngemeko yakho yezempilo, naxa kufanele akudlulisele kwingcaphephe yeso sigulu unaso, zona ezizakuthi zijongane nemeko yakho. Phantsi kwe NHI, umntu uyakuzuza unyango olukumgangatho afuna lube kuwo. Uyakuthi wenze isigqibo esisiso ngempilo yakho, uncediswa zingcali kwezempilo, abaya kukhokelela ngengcebiso kwikhondo ofuna ukulilandela.

Xa uxilongwe kumaziko ezempilo aphantsi kwe NHI, kwaye elandela umgaqo owunikezwe ngabezempilo, awusoze uhlawule mali okanye uncedo lonyango (medical aid). Ezi nkonzo zakuthi zibe simahla ngexesha unyangwa.



## Kuthiwani ngoncedo Lonyango (MEDICAL AID)?

Uncedo lonyango lakuhlala lukho kodwa alusayi kuvumeleka ukuba lihlawulele inkonzo zempilo eziphantsi kwe NHI.

## Ndino ncedo nyango kuba andifuni kuma kwimigca emide okanye ndibonwe Kwi ziibhedlela zika wonke wonke ezimdaka. Ingaba NHI inesiqinisekiso somgangatho Ofanayo wonyango ukuba ndiluyekile uncedo nyango?

URhulumente uzonyusa umgangatho wamaziko ezempilo ukuze kungabikho mahluko phakathi kwezikaRhulumente kunye nezo zabucala. Oko kuzokwenzeka ngokuthi kulandelwe imithetho nemiqathango ekhutshwe yi Office of Health Standard Compliance (OHSC). Amaziko othi alandele imithetho nemiqathangoka yakwa OHSC, ayoba yinxalenye ye NHI.

